

Kwakukho intombazana egama linguMaṱodzi.

UMaṱodzi wayehlala elalini nomama kwakunye noMakhulu wakhe.



Ngenye imini, umama kaMaṱodzi wamcela ukuba amdlulisele umyalezo kuMalumekazi wakhe kwenye ilali.

“Landela laa ndlela siqhele ukuyisebenzisa,” uMaṱodzi wakhunjuzwa ngumama wakhe.



UMaţodzi walandela indlela eqhelekileyo eya endlwini kaMalumekazi wakhe, wawugqithisa umyalezo.

Xa wayesendleleni egodukayo uMaţodzi, kufutshane apho weva ilizwi lithethela phantsi, “Ndicela undincede.”



UMaţodzi wabhekabheka waza wabona umntu ongumama elele ecaleni kwendlela.

Wambulisa waza wabuza uMaţodzi, “Kutheni ulele apha nje?”



Waphendula lo mama wathi, “Andinamandla, ndiyagula, kwaye ndihlala kude nekhaya.”

UMaţodzi waba nosizi ngulo mama.



Wathi kuye, “Ndiza kukusa kwikhaya lam kuba likufuphi.”

UMaţodzi wamncedisa lo mama ukuze aphakame.

Bahamba kancinci bada bafika.



UMaṱodzi, umama noMakhulu wakhe bamkhathalela ngokumonga lo mama wada waziva ebhetele.



Lo mama waba nombulelo ongazenzisiyo kubo ngokumkhathalela.

Wancoma uMaţodzi ngokukhalipha nangokukhathala.



Lo mama wathi kuMaṱodzi nabantu bakokwabo,
“Andinakuze ndinilibale ngoku nindenzele kona.

Emva kweentsuku ezintathu, ndifuna ukuba nindixelele iminqweno eninayo emibini.”



Emva kweentsuku ezintathu, uMaţodzi, umama wakhe noMakhulu, bayixela iminqweno emibini ababenayo.

Umnqweno wokuqala yayikukuba babe nendlu entle.



Umnqweno wesibini yayikukuba babe nehlathi ngasendlwini yabo khon'ukuze bangayi kude xa beyokutheza iinkuni.

Yomibini le minqweno yabo yafezekiswa njengoko ebetshilo umama abamncedayo.



UMaţodzi nosapho lwakhe bahlala ngokonwaba endlwini yabo entle esecaleni kwehlathi.